

# NAL'IBALI

## Unyaka sele usondele ekupheleni!

Unyaka wokuqhubeka kwesikolo sele uza kuphela ukuze kwakamsinyane kufike ixesha lonyaka apho uninzi lwethu lukwaziyo ukuchitha ixesha elithe chatha kwelesiqhelo sikunye neentsapho zethu kwakunye nabahlobo bethu. Lifikile ixesha lokuphumla lasekupheleni konyaka ebekukudala lilindiwe. Elo lixesha lonyaka apho thina sonke sinokuthi chu kancinane, siphumle, sichithe ixesha sisenza izinto eziliqela esizithandayo.



## The end of the year is near!

The school year is almost over and soon it will be that time of year when most of us are able to spend more time than usual with family and friends. It's time for that long-awaited end-of-year break. That time of year when we can all slow down a bit, relax and spend time doing more of the things we enjoy.

### Khuthaza abantwana bakho

Ethembeni lokuba, enye yezinto ozithandayo kukufunda! Nokuba akunaxesha lingako lokufunda ebudeni bonyaka, iholide yenyanga yoMnga ikunika ithuba elihle lokuchithela ixesha encwadini emnandi nokuba zimbini. Ngaphezu koko, xa ufunda, uza kuba ubonisa abantwana bakho umzekelo omhle!

Xa abantwana bakho bekubona wonwabele incwadi, bafunda ukuba ukufunda yinto yokuzonwabisa. Bafunda ukuba ukufunda yinto enokwenziwa ngexesha lokuphola. Ngoko ke, ungadanga wazama nanto ingakanani, ungumzekelo onamandla wokubaluleka kokufunda ebantwaneni bakho kwaye ubanceda ukuba babengabafundi kubomi babo bonke.




### Motivate your children to read

Hopefully, one of things you enjoy doing is reading! Even if you don't get much time to read during the rest of the year, the December holiday offers a great opportunity to spend time with a good book or two. What's more, as you read, you'll be providing a positive example for your children!

When your children see you relaxing with a book, they learn that reading is something you do for pleasure. They learn that reading is something that can be done for leisure. And so, without even trying to, you are being a powerful reading role model for your children and helping them to become lifelong readers.

Nokuba wenza ntoni na kwaye nokuba uza kube uphi na kweli xesha leeholide, phumla kwaye ube neholide emnandi nephuphuma ngamabali!



Whatever you do and wherever you will be this holiday season, relax and have a fabulous, story-filled holiday!

### Bhiyoza ngamabali!

Kananjalo iyaxhaphaka nemibhiyozo ngeli xesha lonyaka. Njengabantu abadala, sinamaxesha okucinga emva ngendlela esasiyonwabela ngayo le mibhiyozo xa sasisengabantwana. Oko kuthetha ukuba sinamabali esinokuwabalisa! Ingaba wakhe wacinga ngokwabelana nabantwana bakho ngala mabali exesha lobakho ubuntwana? Amabali abanceda ukuba baphuhlise intelekelelo nengcingane yabo kwakunye nesakhono sokuyijila. Kananjalo abanceda ukuba baphuhlise ulwimi lwabo nendlela abacinga ngayo. Kanti ukwabelana ngamabali exesha lakho lobuntwana kunceda ukunxulumanisa izizukulwana zosapho lwakho. La mabali anika abantwana uluvo ngemvelaphi yabo nangabantu abangabo.



### Celebrate with stories!

Often there are also a lot of celebrations around this time of the year. There are times when we as adults think back to how we experienced these celebrations as children. That means that we have stories to tell! Have you ever thought about sharing these stories about your childhood with your children? Stories help them to develop their imagination and creativity. They help them to develop their language and thinking. And sharing the stories of your childhood helps to connect the generations of your family. These stories give children a sense of where they come from and who they are.

Siza kuthatha ikhefu de ibe nguFebruwari 2025. Sijoyine ngelo xesha ke ukuze ufumane obunye ubumnandi bokufunda bukaNal'ibali!

Okwalo mzuzu, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) ukuze ufumane amabali kunye novuselelo lokufundela ukuzonwabisa.

We will be taking a break until February 2025. Join us then for more Nal'ibali reading magic!

In the meantime, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) to find stories and reading-for-enjoyment inspiration.



Drive your imagination



IT STARTS WITH A STORY.  
KONKE KUQALA NGEBALI.



# Imbewu yokuFunda nokuBhala!

Ukufundela iintsana nabantwana abancinci (0-3 yeminyaka ubudala)

## Literacy Seeds!

Reading to babies and toddlers (aged 0-3 years)



Bazali nani bagcini babantwana ababekekileyo, nicinga ukuba iintsana zenu bezingakwazi ukufunda ukuthetha ukuba beningathethi nazo? Iintsana zifunda ukuthetha kuba abantu abadala bethetha nazo. Ukufunda ukulesa nokubhala nako kufundwa ngeendlela ezifanayo, kuba nazo ziyinxalenye yokuphuhlisa ulwimi kanye njengokumamela nokuthetha.

Ukufundela usana lwakho kulunika amanye amathuba okuphuhlisa ulwimi oluthethwayo, ibe nalo luqalisa into entsha ekufundwa, lufunda ukuba yintoni le nto kuthiwa yincwadi nokuba kwenziwa ntoni ngazo.

Dear parents and caregivers of young children, do you think your baby would learn to speak if no one ever spoke to him or her? Babies learn to talk because older people talk to them. Learning to read and write are learnt in similar ways, because like listening and speaking, they are also part of language development. Reading to your baby offers her other opportunities to develop oral language, and she also starts her reading adventure, learning what books are about and what we can do with them.



## Ngaba asiyonkcitha-xesha?

## Is it worth my time?

Ukufundela iintsana iincwadi:

- \* kuninceda nisondelelane.
- \* kuphuhlisa isakhono solwimi sazo.
- \* kuvusa amandla azo okuqonda.

Sharing books with babies:

- \* helps you bond with each other.
- \* develops their language skills.
- \* stimulates their cognitive development.

## Ezona ncwadi zifanele abantwana bobudala obahlukeneyo

**Ukusuka kwisithuba seenyanga ezintandathu** usana lwakho lungathanda iincwadi ezineengoma nezicengcelezo.

**Xa zimalunga neenyanga ezisithoba** iintsana ezininzi zithanda iincwadi ezineeflap, ezinezinto ezipoqayo xa uzivula namaqhosha awenza isandi xa uwacofa. Mhlawumbi uza kuphawula ukuba usana lwakho luqalisa ukuzibandakanya ngakumbi noko kuqhubeka encwadini. Ngokomzekelo, lungalatha izinto ezikwelo phepha okanye luzame ukutyhila iphepha.

**Phakathi konyaka neminyaka emithathu** isakhono seentsana nabantwana abancinci sokuqonda nokusebenzisa ulwimi sikhula ngeendlela emangalisayo. Babonakala bethanda zonke iincwadi ukususela kwiincwadi zabo zokuqala zemifanekiso ukuya kutsho kwezo zinamabali.

Qhubeka ubekela bucala ixesha elikhethekileyo suku ngalunye lokufunda nomntwana wakho, ukhethe iintlobo ezingafaniyo zeencwadi.



## Best books at different ages

**From about six months** your baby may enjoy books that have songs and rhymes in them.

**By about nine months** many babies enjoy books with flaps, pop-ups and buttons that make sounds when you

press them. You'll probably notice that your baby begins to engage more with what is going on in the book. For example, she might point to things on the page or try to turn a page.



**Between one and three years** babies' and toddlers' ability to understand and use language increases dramatically.

They seem to enjoy all the books from their first picture books as well as ones that have stories.

Continue to set aside a special time each day to read with your child, choosing a wider variety of books.



Drive your imagination



## Amacebiso ali-10 okufunda nosana lwakho

- \* Kuhle ukukhethela zonke iintsana ezisencinci kakhulu iincwadi ezinemifanekiso elula enemibala engafaniyo (njengomnyama nomhlophe) okanye iifoto zobuso beentsana.
- \* Funda incwadi enye uyiphindaphinde. Ukuphindaphinda nokwenza isiqhelo kwenza iintsana ezincinci zizive zikhuselekile!
- \* Ungathetha nezinto ezahlukileyo koko kubhalwe ephepheni ukuba nje wena nosana lwakho niyakonwabela ukufunda loo ncwadi.
- \* Eyona nto ilula kukulusingatha usana lwakho luze lona lukufulathele uze uphathe incwadi phambi kwalo.
- \* Ungalibali ukuluhoya usana xa ngoxa ufunda. Ukuluphuza uze ulwange ebudeni bexesha lokufunda incwadi kulunceda ludibanise ukufunda neencwadi nolonwabo.
- \* Lufundele amagama kodwa uthethe nangezinto ezisemifanekisweni. Chaza amagama ezinto nawemibala.
- \* Yenza nezandi ezininzi ezibangela umdla – ngokomzekelo, yithi ‘mhuuu’ xa ujonge umfanekiso wenkomo. Iintsana ziyakuthanda ukuva izandi ezahlukeneyo!
- \* Ukuqala nje kwalo usana ukukwazi ukuhlala, ungaqalisa iincwadi olungakwazi ukuzisebenzisa ngokwalo. Iincwadi zebhodi nezalaphu zingahlafunwa, zitsalwe, zibanjwe kwaye zingonjwe kodwa zingonakali!
- \* Khetha amabali anabantwana kunye nathetha ngeentsapho nezinto ezenzeka kubomi bemihla ngemihla. Zisebenzise neencwadi ezingenamagama. Thetha ngemifanekiso nomntwana wakho uze uziqambele elakho ibali.
- \* Njengoko ufunda incwadi, tsalela ingqalelo yomntwana kwinto uze umbuze umbuzo olula onjengothi ‘Ngubani lowa?’, ‘Uphi?’ nothi ‘Yintoni leya?’



## 10 tips for reading with your baby

- \* It's good to choose books for very young babies that have simple pictures with strong contrasts (like black and white) or photographs of babies' faces.
- \* Read the same book over and over again. Repetition and routine make young babies feel secure!
- \* You can also say different things than what is written on the page as long as you and your baby are enjoying yourselves with the book.
- \* It's easiest to put your baby on your lap with her back against you and to hold the book in front of her.
- \* Don't forget to give your baby some attention while you read. A kiss and a cuddle during book-sharing time helps to build a positive association with reading and books.
- \* Read the words to her but also talk about what is in the pictures. Name some of the objects and colours.
- \* Make lots of interesting sounds too – for example, ‘moo’ when you look at a picture of a cow. Babies love to hear different sounds!
- \* As soon as your baby can sit, you may introduce books that can be used by your baby on her own. Board and fabric books can be chewed, pulled, patted and bashed without breaking!
- \* Choose some stories that have other children in them as well as ones that are about family and everyday experiences. Use wordless books too. Talk about the pictures with your child and make up your own story.
- \* As you read a book, draw your child's attention to something and ask simple questions like ‘Who is that?’, ‘Where is he?’ and ‘What is that?’



## Indlela yokusebenzisa amabali ethu ngeendlela ezahlukeneyo

- 1. Balisela umntwana wakho ibali.** Lifunde ibali uze uziqhelanise nokulibalisa. Emva koko sebenzisa ilizwi, ubuso nomzimba wakho ukuze ubenze baphile abalinganiswa belo bali.
- 2. Mfundele ibali umntwana wakho.** Ncokolani ngemifanekiso. Buza, “Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni emva kwale?” okanye “Ucinga ukuba kutheni lo mlinganiswa eye wathetha okanye wenza le nto?”
- 3. Funda ibali kunye nomntwana wakho.** Tshintshisanani ngokufunda ibali. Ungamlungisi xa ephazamile, uze umncede kuphela xa ekucelile.
- 4. Mamela umntwana wakho xa efunda.** Mamela ungaphazamisi. Mxelele ukuba uyakuthanda ukummamela xa ekufundela ngokuvakalayo.
- 5. Yenzani izinto ezikwindawo ethi Yenza ibali linike umdla!** Ukwenza ezo zinto nabantwana bakho kuza kuba mnandi kuwe nakubo.

## How to use our stories in different ways

- 1. Tell the story to your child.** Read and practise telling the story. Then use your voice, face and body to bring the story to life.
- 2. Read the story to your child.** Talk about the pictures. Ask, “What do you think happens next?” or “Why do you think the character said or did that?”
- 3. Read the story with your child.** Take turns to read the story together. Don't correct their mistakes, and only help if they ask for it.
- 4. Listen to your child read.** Listen without interrupting. Say that you enjoy hearing them read aloud to you.
- 5. Do the Get story active! activities.** This should be fun for you and your child.





# Inkqubo YeSiyafunda Community Learning Hub iyaqala kuMasipala WaseMsunduzi



# The Siyafunda Community Learning Hub Programme kicks off in Msunduzi Local Municipality

Ukususela ngoJanuwari 2024, uNal'ibali ebekhokela iprogramu yophuhliso ye-ECD yeminyaka emibini ebizwa ngokuba yiSiyafunda Community Learning Hub Programme ephela ngoJanuwari 2026. Ikunye noMacMillan Education, uMikhulu Trust, iSunshine Association, iLibrary Services kunye nabaphathi bakaMasipala WaseMsunduzi, le programu iye yasiwa kwimimandla emi-5 kaMasipala WaseMsunduzi. Nantsi loo mimandla:

1. E-Edendale
2. Imimandla Esemntla Nesembindini
3. Embali
4. EVulindlela South
5. EVulindlela North



Begunstigdes en belanghebbers luister aandagtig tydens 'n geleentheid in Vulindlela-Noord.

Beneficiaries and stakeholders listen attentively at the Vulindlela North Stakeholder Engagement Event.

Since January 2024, Nal'ibali has been leading a two-year ECD development programme called the Siyafunda Community Learning Hub Programme, ending in January 2026. Together with MacMillan Education, Mikhulu Trust, the Sunshine Association, the Library Services and management of the Msunduzi Local Municipality, this programme has been delivered within five areas of the Msunduzi Local Municipality. These areas are:

These areas are:

1. Edendale
2. Northern & Central Areas
3. Imbali
4. Vulindlela South
5. Vulindlela North



Nal'ibali-personeel lei die kinders in geesdriftige sang by die boekverspreidingsgeleentheid op Mandeladag by die Nyakazani Creche kwaDeda en Bantu Day Care kwaMagwenyane in Vulindlela-Noord.

Nal'ibali staff lead the children in a spirited song at the book distribution event on Mandela Day at Nyakazani Creche kwaDeda and Bantu Day Care kwaMagwenyane in Vulindlela North.

IiSiyafunda  
Community  
Learning Hub  
zixhaswa ngemali  
nguUSAID



The Siyafunda  
Community  
Learning Hub  
Programme  
is funded  
by USAID

Ngale programu sisebenza kunye nabasebenzi be-ECD abangama-350 kunye nabazali nabagcini babantwana abangama-800. Injongo yale programu:

- ☉ kukuxhasa nokuqinisa ukukwazi ukufunda nokubhala kwabantwana abaphakathi kweminyaka kwe-0 ne-6 yeminyaka ubudala abangakwazi ngokupheleleyo ukufikelela iindawo neenkonzelo ze-ECD ezisemthethweni.
- ☉ kukunceda ekwandiseni nasekuphuculeni ukukwazi ukubhala nokufunda nokufunda ulwimi ngemidlalo.
- ☉ kukunceda ekuphuhliseni ukukwazi kwabantwana ukushukumisa imizimba ukuze balungele ukuya esikolweni.
- ☉ kukuqiniseka ukuba le programu iba yeyabahlali baloo ndawo ikuyo.
- ☉ kukunika abathatha inxaxheba iincwadi, iintlelo ezibhalwe ngeelwimi ezimbini zikaNal'ibali neekiti zokuhlala ukuze kuxhaswe ukufunda kwabantwana. Ukuqeqeshwa kwabazali kunye nabasebenzi be-ECD kuqalisiwe kula maziko ibe yimincili yodwa njengoko bebona le programu ibanceda ngezakhono zokuphucula ukufunda kwabantwana babo besebancini.

## Imibhiyozo YoSuku LukaMandela

UNal'ibali naye uye wafak' isandla kwimibhiyozo yoSuku LukaMandela ngokunikela ngeencwadi ezingama-67 kumaZiko E-ECD amabini asekuhlaleni eVulindlela North.

Through the programme, we are working with 350 ECD practitioners and 800 parents and caregivers. The programme aims to:

- ☉ support and strengthen early childhood literacy for children between 0-6 years who have limited access to formal ECD facilities and services.
- ☉ help to increase and improve early literacy and language learning through play-based activities.
- ☉ help to develop children's gross motor skills to prepare them for school.
- ☉ to ensure that the programme is owned by the community structures within each area.
- ☉ supply participants with books, Nal'ibali bilingual supplements and play kit resources to support children's learning.

The training of parents and ECD practitioners has started in the hubs, and there is a lot of excitement as they see the programme benefitting them with skills to improve their children's early learning.


## Mandela Day celebrations

Nal'ibali also contributed to Mandela Day celebrations by donating 67 books to two local ECD Centres in Vulindlela North.

## Yandisa ithala lakho leencwadi.

Zenzele iincwadi **EZIMBINI** onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha lesi- **5** ukuya kwele- **12** kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi- **5**, elesi- **6**, ele- **11** nele- **12** lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi- **7**, **8**, **9** nele- **10** lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza incwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
  - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
  - b) Phinda ulusonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
  - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



Ibhedana yosana kaJoseph  
Jude Daly • Magriet Brink



Itheko leti likaSikhukuzazi  
Lethlegomolo I Riba • Mamsi Kengelo

## Grow your own library.

Create **TWO** cut-out-and-keep books

1. Take out pages **5** to **12** of this supplement.
2. The sheet with pages **5**, **6**, **11** and **12** on it makes up one book. The sheet with pages **7**, **8**, **9** and **10** on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
  - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
  - b) Fold it in half again along the green dotted line.
  - c) Cut along the red dotted lines.



Drive your  
imagination





uNkomo wangena endlwini!

yaakho yeti!"

"Ngena Nkomo," watshe uSikhukukazi. "Nantsi! ikomitiyi kwasiSikhukukazi. "Molo Sikhukukazi," watshe uNkomo. uNkomo wanqonkqozo kumnyango wangaphambili

Cow walked into the house.

"Come in, Cow," said Hen. "Here's your cup of tea."

said Cow.

Cow knocked on Hen's front door. "Hello, Hen,"

Then Donkey walked in. Sheep walked in too. Pig followed Sheep. Hen felt very worried when she saw all the animals. Kwalandela uDonki. Wangena naye uGusha. UHagu walandela uGusha. USikhukukazi waxhalaba kakhulu akubona zonke ezo zilwanyana.

Hen makes the best tea on the farm. When Hen invites Cow over for a cup of tea, she ends up with many more guests than expected!

This story was specially created for Nalibali to spark children's potential through storytelling and reading for enjoyment.



USikhukukazi wenza eyona ti ibalaseleyo efama. Xa uSikhukukazi ememela uNkomo kwimpungo, uphela sele enamandwendwe amaninzi kunalawo ebewalindele! Eli bali libhalwe ngokukhethekileyo ukuze uNalibali ancede abantwana bafikelele loo nto banokuba yiyo ngokubalisa amabali nangokufundela ubumnandi.

### Get story active!

- ★ Draw a picture of a tea party with your friends. Look at old magazines or newspapers and cut out pictures of the food and drinks at your party. Paste the pictures on your drawing.
- ★ Play a memory game. Find pictures of all the animals in the story. Read the story again. Then, without looking at the story, arrange the animals in the order that they appear in the story.
- ★ Use clay or play dough to make models of the animals in the story. Retell the story using the models to act out their parts.

### Yenza ibali linike umdla!

- ★ Zoba umfanekiso wethoko leti lakho nabahlobo bakho. Khangela kwiimagazini okanye kumaphephandaba amadala uze usike imifanekiso yokutya neziselo ethekweni lakho. Ncamathelisa loo mifanekiso kumzobo wakho.
- ★ Dlala umdlalo wokukhumbula. Fumana yonke zonke izilwanyana ezikweli bali. Phinda ulifunde eli bali kwakhona. Emva koko, ungalijonganga ibali, chaza ezo zilwanyana ngokokulandelelana kwazo ebalini.
- ★ Sebenzisa udongwe okanye intlama yokudlala ukuze wenze iimodeli zezilwanyana ezisebalini. Phinda ulibalise eli bali usebenzisa iimodeli ukuze ulinganise iindawo zazo.

Nalibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).



UNalibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).

## Hen's tea party



## Itheko leti likaSikhukukazi

*Lethogonolo I Riba • Manu Kongolo*


**Ideas to talk about:** Have you ever been to a tea party? Who hosted the party? What do you think should be eaten at a tea party?

**Izinto eninokuthetha ngazo:** Wakha waya kwitheko leti? Yayingubani usotheko? Ucinga ukuba kufanele kutyiwe ntoni kwitheko leti?




Drive your imagination

On the way to Hen's house, they met Pig.  
 "Hello, Cow. Hello, Donkey. Hello, Sheep.  
 Where are you going?" asked Pig.  
 "We are going to Hen for a cup of tea,"  
 said Cow.  
 "May I come too? Hen makes the best tea on  
 this farm," said Pig.  
 "Yes, you may come," said Cow. "I'm sure  
 Hen won't mind."  
 "Yay! Let's go!" said Donkey, Sheep and Pig.  
 Endleni eya kwasihukukazi, badibana  
 noHagu.  
 "Molo Nkomo. Molo Donki. Molo Gusha. Niya  
 phi?" wabuza uHagu.  
 "Sija kwasihukukazi siyophunga ikomityi  
 yeti," watsho uNkomo.  
 "Ndingeza mna? Usihukukazi wenza eyona  
 ti ibalaseleyo kule fama," watsho uHagu.  
 "Ewe, ungeza," watsho uNkomo. "Ndiqinisekile  
 ukuba usihukukazi akazi kuphatheka  
 kakubi."  
 "Kulungile! Masihambeni!" batsho uDonki,  
 uGusha kunye noHagu.



Hen lived on a big farm where all the animals were friends.  
 She made the best tea on the farm.  
 One day, Hen invited Cow to her house for a cup of tea.  
 On the way to Hen's house, Cow met Donkey.  
 "Hello, Cow. Where are you going?" asked Donkey.  
 "I am going to Hen for a cup of tea," said Cow.  
 "May I come too? Hen makes the best tea on this farm," said Donkey.  
 "Yes, you may come," said Cow.  
 "I'm sure Hen won't mind."  
 "Yay! Let's go!"  
 said Donkey.





Yathi xa ibhedana inamagama alikhulu kwaye noJoseph sele elixhego ngoku, umlilo wedlelo owawunweniswa ngumoyakazi ovuthuzayo wagubungela loo lali. Amadoda ayesilwa namadandantye oloo mlilo lo gama abafazi babeqokelela bonke abantwana nabantu abasele bekhulile ukuze babdbeke elikhuseleweni. Bonke basinda ngaphandle kukaJoseph, owayesele etsho wabhubha ngesha befika kuye. Ukufa kwakhe kwachukumisa wonke ubani!

When the cradle had a hundred names on it and Joseph was an old man, a wild fire that was driven by terrific winds threatened the village. The men bottled the flames while the women got all the children and the elderly to safety. All but Joseph. It was too late by the time they reached him. His death touched everyone.



When the old yellowwood tree is blown down, Joseph carves a beautiful cradle from it for his new baby daughter, Sisi. The cradle passes from baby to baby in their village, and each baby's name is carved on its sides. Then a fire sweeps through the village and kills Joseph. Years later, when Sisi is expecting her first grandchild, she looks for the cradle, but can't find it. She fears that it has also been destroyed ... but she's in for a wonderful surprise.

Wathi wakuwa umthi womkhoba omdala ngenxa yomoya, uJoseph wakrola ibhedana entle yosana ngesiqu sawo, eyenzela usana oluyintombi yakhe, uSisi. Le bhedana yayisuka kolu sana iye kolunye apho elalini yabo, kwaye igama losana ngalunye lalikhrolwa emacaleni ale bhedana. Kwabakho umlilo owatshisa wabhuqisa apho elalini, waza wabulala uJoseph. Kwaqengqeleka iminyaka emininzi waze wathi xa uSisi elindele owakhe umzukulwana wokuqala, wakhangela le bhedana yosana, kodwa akayifumana. Wayacingela ukuba nayo inokuba yatsha ... kodwa wothuswa kokungalindelekanga konke.

### Get story active!

- ★ Look at the illustrations more closely:
  - ☆ Pages 6 and 7: Can you see Sisi? What is she doing? Can you see where her mother and father are? What are they doing?
  - ☆ Pages 8 and 9: What can you see in this picture?
  - ☆ Pages 12 and 13: Do you think the people in the village are happy to have the cradle back? How can you tell? Can you see all the names on the cradle?
- ★ Use paper and sticky tape to make a cradle and a baby to put inside it. Use the cradle and baby to tell your own story.

### Yenza ibali linike umdla!

- ★ Jonga imifanekiso uyiqwalesele:
  - ☆ Iphepha le-6 nele-7: Uyambona uSisi? Wenza ntoni? Uyambona umama notata wakhe apho bakhoyo? Benza ntoni?
  - ☆ Iphepha le-8 nele-9: Ingaba ubona ntoni kulo mfanekiso?
  - ☆ Iphepha le-12 nele-13: Ucinga ukuba ingaba abantu bale lali bonwatshiswe kukufumana ibhedana yosana kwakhona? Utsho njani? Ingaba uyawabona onke amagama akrolwe kule bhedana yosana?
- ★ Sebenzisa iphepha neteyipu encamatshelayo ukuze wenze ibhedana yosana nosana oza kulufaka kuyo. Sebenzisa ibhedana yosana nosana ukuze ubalise elakho ibali.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendeliselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).

## Joseph's cradle



## Ibhedana yosana kaJoseph

Jude Daly • Magriet Brink

**Ideas to talk about:** What do you think happens in this story? Do the people you know who have babies use a cradle for the baby to sleep in? Where else do people place their babies when the babies sleep?

**Izinto eninokuthetha ngazo:** Ucinga ukuba kwenzeka ntoni kweli bali? Ngaba abantu abaneentsana obaziyo basebenzisa ibhedana yosana ukuze balalise usana? Yeyiphi enye indawo abantu abazibeka kuyo iintsana zabo xa zilala?



Drive your  
imagination




Emva koko, ngononophelo olukhulu, uJoseph wayesongeza igama losana olo kuluhlu olwalusanda awagelukrola emaceleni ebhedana leyo.



Njengaye wonke ubani elalini, uSisi wasebenzisa ixeshha lokhe esakha oko bektshatyaliswe ngumilio, elungisa kwaye eccca emva komilio lowo. Ngoko ke kwadlula ixeshana phambi kokuba acinge ngebhedana yosana katata wakhe. Inokuba yayaphi? Ingaba kwakukho usapho olusayisbenzisa? Kodwa kwakungekho namnye umntu eyayikuye apho elalini. Ngosizi, wagqida kwelokuba inokuba nayo yatsha apho emililweni. Ngoku umzukulwana kasisi, owagyeza kuzalwa xa kuphinde kwaphuma inganga ephelileyo, akasayi kulida kuyo.

Like the rest of the village, Sisi spent her time rebuilding, fixing and cleaning up after the fire. So it was a while before she thought of her father's cradle. Where was it? Was it being used? But no one in the village had it. Sadly, it too must have been lost to the fire. Now Sisi's grandchild, due by the next full moon, would never sleep in it.



Shortly before Sisi was born, a terrific wind brought down the old yellowwood tree that had, it seemed, stood in the village forever. The loss was felt by everyone. Never again would children swing from its branches and never again would people find shelter from the hot sun in its dappled shade.





Kodwa, kwilali ekufutshane naleyo yabo, usana olungunyana kaThemba lwalikhula ngokukhawuleza. Lwalusele lungakwazi ukulala kule bhedana yosana apho uThemba naye wayelala khona. Ngoko ke, okokugqibela, washuku-shukumisa unyana wakhe kuyo, embambazela ukuze aiale. Wabulela ububele bukaJoseph ngokumboleka ibhedana leyo engowenge ilali. Ngoku ke kwakufike ixesha lokuyibuyisa.

But, in a neighbouring village, Themba's baby son was growing fast. Already he had outgrown the very cradle that Themba had once slept in. So, for the last time, he rocked his son to sleep in it. It had been kind of Joseph to let him take the cradle out of the village. Now it was time to take it back.




That night Sisi stood and watched as an almost full moon rose high in the sky. Soon a newborn baby, Joseph's first great-grandchild, would be rocked to an African lullaby in a beautiful yellowwood cradle. "Thula thula, Thula baba, Thula sana."

Ngobo busuku uSisi wema wabukela njengokuba inyanga ephantse yaphelela inyukela phezulu esibhakabhakeni. Kungekudala usana oluzayo, isizukulwana sokuqala sikaJoseph, luza kuthuthuzelwa, lushukushukunyiswe luculelwe ingonyana yesintu yokulalisa iintsana kuloo bhedana yosana yomkhoba intle. "Thula thula, Thula bhabha, Thula sana."

Kuthe kungekudala kakhulu, uSisi wakhula akakwazi ukulala kule bhedana yosana yaze yadluliselwa kummelwane ukuze alalise usana lwakhe olusandul' ukuzalwa. Kwathi kanti kukudala kwesithethe ngolo hlobo. Lonke usana olusandul' ukuzalwa kule lali lwalulaliswa kule bhedana yosana kaJoseph.

All too soon, Sisi outgrew the cradle, and it was passed to a neighbour for his newborn baby. A tradition had begun. Each newborn baby in the village slept in Joseph's cradle. Then, with great care, he would add their name to the growing list carved on its sides.



Kanye nje phambi kokuba uSisi azalwe, umoya ombi ovuthuzayo wasiphula umthi womkhoba ekwakucingelwa ukuba uya kuma apho elalini unaphakade. Ukuwa kwaloo mthi kwachaphazela kwaye kwachukumisa wonke ubani. Abantwana babengasayi kuphinda badlale ujingi kumasebe awo nabantu abadala babengasayi kuphinda bahlale emthunzini wawo opholileyo kwingqatsini yelanga.



Uthe ke akuzalwa uSisi walaliswa kwakule bhedana yosana apho wayethuthuzelwa, ashukunjiswe khona eculwa ingonyana yokulalisa iintsana ethi, "Thulia thulia, Thulia bhabha, Thulia sana."




And when Sisi was born, it was in this cradle that she was rocked to an African lullaby, "Thulia thulia, Thulia baba, Thulia sana."

But Sisi's father, Joseph, was determined that the old tree should not be forgotten and so he set about carving a cradle from its beautiful wood.

Kodwa, utata kaSisi, uJoseph, wayezimisele ukuba loo mthi womkhoba mdala awusaji kulityalwa waze waqalisa ukukrola ibhedana yosana kwisiqo sawo esihle.



The next day, to the sounds of ululating and the stamping of feet, Themba returned the cradle to the village, and to Sisi. On its sides, there were now a hundred and one babies' names, and on the headboard, carved with great care, just one name ... Joseph.



Ngosuku olulandelayo, kuvakele izandi zokuyijizela nokungqisha kweenyawo kuxhentswa, uThemba wayebuyisa ibhedana yosana, eyibuyisela kuSisi. Emacaleni ayo, kwakukrolwe amagama eentsana alikhulu elinanye kwaye kule ndawo yokubeka intloko, kwakukrolwe ngononophelo olukhulu, igama elinye kuphela ... uJoseph.





Then they also brought teaspoons and plates ... and biscuits and cake to put on the plates.  
 "Oh dear! Now there's too much of everything!" said Hen.  
 "Let's have a tea party!" said Cow.  
 So Hen made tea for all the animals and they had the best tea party!

Ezinye izilwanyana zabaleka zaya emakhaya zayokulanda iitispuni nezitya ... neebhisikiti nekeyiki ukubeka ezityeni.  
 "Owu sithandwa! Ngoku yonke into ininzi!" watsho uSikhukukazi.  
 "Masenzeni itheko leti!" watsho uNkomo.  
 USikhukukazi wenzela zonke izilwanyana iti kwaye zaba nelona theko leti elimnandi.




USikhukukazi wayehlala kwifama enkulu apho zonke izilwanyana zazizizihlobo. Wayesenza eyona ti ibalaseleyo efama. Ngenye imini uSikhukukazi wamema uNkomo ukuba bazokuphunga ikomityi yeti. Endleleni eya kwindlu kaSikhukukazi, uNkomo wadibana noDonki. "Molo Nkomo. Uya phi?" wabuza uDonki. "Ndiya kwaSikhukukazi ndiyophunga ikomityi yeti," watsho uNkomo. "Ndingeza mna? USikhukukazi wenza eyona ti ibalaseleyo efama," watsho uDonki. "Ewe, ungeza," watsho uNkomo. "Ndiqinisekile ukuba uSikhukukazi akazi kuphatheka kakubi." "Kulungile! Masihambeni!" watsho uDonki.





On the way to Hen's house, they met Sheep.  
 "Hello, Cow. Hello, Donkey. Where are you  
 going?" asked Sheep.  
 "We are going to Hen for a cup of tea,"  
 said Cow.  
 "May I come too? Hen makes the best tea on  
 this farm," said Sheep.  
 "Yes, you may come," said Cow. "I'm sure  
 Hen won't mind."  
 "Yay! Let's go!" said Donkey and Sheep.  
 Endleni eya kwasikhukukazi, badibana  
 noGusha.  
 "Molo Nkomo. Niya phi?" wabuza  
 uGusha.  
 "Siya kwasikhukukazi siyophunga ikomityi!  
 yeti," watsho uNkomo.  
 "Ndingeza mna? Usikhukukazi wenza eyona ti  
 idalaseleyo kule fama," watsho uGusha.  
 "Ewe, ungeza," watsho uNkomo. "Ndiqinisekile  
 ukuba usikhukukazi akazi kuphatheka kakubi!"  
 "Kulingile! Masihambeni!" batsho uDonki  
 kunye noGusha.





# Amalungelo ali-12 anawo umntwana

## 12 rights of the child



UMzantsi Afrika ubhiyozela uSuku Lwabantwana Lwelizwe ngoMgqibelo wokuqala kuNovemba.

South Africa celebrates National Children's Day on the first Saturday in November.

Bonke abantwana banawo la malungelo, kungakhathaliseki ukuba bangoobani, ngoobani abazali okanye iintsapho zabo nokuba bakholelwa okanye abakholelwa ntoni. Akakho umntwana ofanele aphathwe kakubi ngaso nasiphi isizathu.

All children have these rights, no matter who they are, who their parents or families are and what they believe or do. No child should be treated unfairly for any reason.

- 1.** Umntwana nguye nabani na oneminyaka engaphantsi kwe-18.  
A child is any person under the age of 18.


- 2.** Xa abantu abadala besenza izigqibo, bafanele bacinge ngendlela izigqibo zabo eziya kubachaphazela ngayo abantwana baze benze into eza kuba yinzuzo ebantwaneni.  
When adults make decisions, they should think about how their decisions will affect children and do what is best for children.


- 3.** Xa abantwana bezalwa, bamele babhaliswe baze banikwe igama elaziwa ngokusemthethweni ngurhulumente.  
When children are born, they must be registered and given a name that is officially recognised by the government.


- 4.** Nanini na kukwazeka, abantwana abafanele bahlulwe nabazali babo ngaphandle kokuba ababahoyi ngendlela efanelekileyo. Bafanele babazi abazali babo kwaye bahoywe ngabo.  
Whenever possible, children should not be separated from their parents unless they are not looked after properly. They should know their parents and be looked after by them.


- 5.** Oorhulumente bamele baqiniseke ukuba umntwana ngamnye ukhuselekile kwaye uyahoywa ngabazali bakhe okanye ngabantu abanembopheleleko yokubajonga.  
Governments must make sure that every child is protected and looked after by their parents or responsible people.


- 6.** Umntwana ngamnye unelungelo lobumfihlo.  
Every child has the right to privacy.


- 7.** Umntwana ngamnye okhubazekileyo ufanele onwabele obona bomi bumnandi ekuhlaleni.  
Every child with a disability should be able to enjoy the best possible life in society.


- 8.** Bonke abantwana banelungelo lemfuno.  
Every child has the right to an education.


- 9.** Abantwana banelungelo lokusebenzisa ulwimi, inkcubeko nonqulo lwabo.  
Children have the right to use their own language, culture and religion.


- 10.** Bonke abantwana banelungelo lokuphumla, lokuphola nelokudlala.  
Every child has the right to rest, relax and play.


- 11.** Abantwana banelungelo lokufumana unyango, ukutya okusempilweni, impahla kunye nendawo ecocekileyo, nekhuselekileyo yokuhlala.  
Children have the right to health care, healthy food, clothing and a clean, safe place to live.


- 12.** Abantwana banelungelo lokukhuselwa kuzo zonke iintlobo zokuxhatshazwa.  
Children have the right to be protected from all kinds of exploitation.







# Ukuphangwa kweKresmesi

NguBradley Paule ■ Imizobo izotywe nguClyde Beech



Kwathi ke kaloku ngantsomi, kwidolophana ezolileyo yaseSutherland, amakhwenkwana amabini agama linguKurt noSandiso eza necebo elinentloni leKresmesi.

Kaloku, kunyanga ongaphambi kwalowo, ayeze aziphatha kakuhle kakhulu, kodwa othuka abanda xa uFather Christmas engazange awashiyele nesinye isipho phantsi komthi weKresmesi. Ayezixelele ukuba kulo unyaka izinto ziza kwahluka.

"Kurt," watsho uSandiso efinye iintshiya, "laa nto yenzeke kunyaka ophelileyo, ayilunganga tu! Besiye saziphatha kakuhle, sifumene ntoni ke ngaloo nto? Akhonto, tu, niks!"

UKurt wanqwala, amehlo akhe egcwele intloni. "Sandiso, ndicinga ukuba kufuneka senze into ngoku kudlelwa indlala kangaka!"

Ngoko, la makhwenkwana mabini aphuma iphulo. Ayengamachule ekwakheni izinto ibe uninzi lweegajethi ezazikwiwekshophu katata kaKurt zazakhiwe ngawo. Eyona nto ingaqhelekanga kuzo zonke yayijinguzibuthe omkhulu, nonamandla!

"Heke, Sandiso, iza kusebenza le into! Siza kusebenzisa uzibuthe wethu ukuze sibambe uFather Christmas, ibe kuza kufuneka achophe ayichaze into yokuba kutheni thina singafumananga zipho kunyaka ophelileyo!" watsho uKurt, amehlo akhe ethe qhakra yimincili.

Ngosuku olungaphambi kweKresmesi, la makhwenkwe mabini abeka uzibuthe wawo omkhulu ngaphambili kwiyadi yakuloSandiso. Emva koko akhwela eluphahleni ukuze ajonge uFather Christmas. Ngamnye wayephethe umpu weglu, ukwenzela xa kunokufuneka ancathelise uFather Christmas endaweni ngegglu. La makhwenkwe ayezimisele ukumbuza ngento yokuba ewakhethile.



Kweso sibhakabhaka simnyama thsu, abona ichaphaza elimenyezelayo. Laya lisiba likhulu ngokuba likhulu, lisondela ngokusondela. "Nankul!" wasebeza watsho uSandiso ethe ntaa amehlo kukumangaliswa.

Uzibuthe wala makhwenkwe wayejoliswe kule nto izayo. Kodwa le nto yayingafani nemifanekiso awayeyibonile yesileyi sikaFather Christmas. Phofu, yayifana nelori enkulu ebomvu enesosari enkulu encanyathelise kuphahla.

UKurt wancina amehlo waza wazikrwela entloko. "Sisileyi sikaFather Christmas esiya? Kwenzeka ntoni kanti?"

Uzibuthe wayitsala le nto ibomvu wayisondeza de yayokuhlala eyadini kanye ngezantsi kwendawo awayethe ngcu kuyo la makhwenkwe eluphahleni. Imilenze inengevane, ehla eluphahleni aza achwechwa esondela kule lori. Isosari eseluphahleni yayifana nenqwelo yasemajukujukwini. Ibe njengoko la makhwenkwe ayekroba ngaphambili kule lori, amehlo awo athi qhakra engakholelwa into ayibonayo. UFather Christmas nezilwanyana ezitsala inqwelo yakhe babebanjiswe ngeminatha. Babebhinyalaza bekhabalaza ukuze bakhululeke ngoxa iialien ezimbini ezincinci zazimi kwibhoneti yale lori zibajamele ngaphaya kwefestile.

"Kuqhubeka ntoni kanye kanye apha?" washwantswatha esitho uSandiso.

Njengoko ezi alien zazijika zijonga kubo, uKurt noSandiso bajongisa kuzo imipu yabo yeglu. "Thath' apha!" wakhwaza watsho uKurt njengoko wayecinezela umpu wakhe wegglu, kwatsaza iglu encangathi yazitsho zabhabha ezo alien zayokuncamathele kwisosari enkulu ephezu kwelori.

Emva koko uKurt noSandiso bakhulula uFather Christmas nezilwanyana zakhe eminatneni. Sandiso asked, "Kwenzeka ntoni apha, Father Christmas?"

UFather Christmas wayenombulelo ongazenzisiyo ngokukhululwa eminatneni. Wambambazela umkhaba wakhe omkhulu orawundi waza wathi qhuzu qhuzu. "Kaloku, aba ngabaqweqwedi abavela kuMars. KuMars unyaka ulingana neminyaka emibini yoMhlaba. Oonkabi ke baye bagqiba kwelokuba abazukuyilinda iKresmesi yabo ibe ngenxa yoko bebesiba izipho emhlabeni ngexesha leKresmesi!"

UKurt noSandiso bajongana. "Father Christmas, nathi besicinga ngokuba zonke izipho, kodwa ngenxa nje yokuba singafumananga nto kunyaka ophelileyo," uKurt watsho.

UFather Christmas wancuma. "Niyazi ukuba anisoze nilungise into erongo, ngokuthi nani nenze into erongo, andithi?" watsho.

"Siyazi," uKurt noSandiso baphendula, bebonakala bemanjonywana.

Emva koko uFather Christmas nezilwanyana zakhe bafaka aba nqevu bavela kuMars kwinqwelo yabo yasemajukujukwini. "Mkani, bafondini! Kwixesha elizayo, nilinde iKresmesi yenu!" UFather Christmas wakhwaza watsho njengoko inqwelo yasemajukujukwini yayiphele emehlweni kwibhakabhaka sasebusuku.

UFather Christmas wajika wajonga kuKurt noSandiso encumile. "Yhazi, bafana bam, nibonise umoya wokwenene weKresmesi namhlanje. Niye namela okulungileyo naza nahlangulela wonke umntu oseMhlabeni iKresmesi."



UKurt noSandiso banqwala ngamandla. "Kodwa Father Christmas, singenza ntoni ukuze sixolise kuwe? Asifuni kuba kuludwe lwabasileyo."

UFather Christmas wancuma waza wabambambazela bobabini emqolo.

"Aningethandi ukuba ngoonogada bakaFather Christmas ngamaxesha athile? Ayingobemi bakaMars bodwa abazama ukuba izipho, yhazi. Ninganceda kakhulu ngezi gajethi nangesibindi eninaso!"

Ameblo kaKurt noSandiso athi qhakra. "Ingantle nyhani loo nto! Singathanda ukugcina iKresmesi ikhuselekile!"

Ngoko, ukususela ngaloo mini, uKurt noSandiso baba liqela elithenjiwe loonogada bakaFather Christmas.

## Yenza ibali linike umdla!

- ★ Ukhe weva ngamabali kaFather Christmas? Ucinga ntoni ngale nto yomntu ophathela abantu izipho ngosuku olungaphambi kweKresmesi?
- ★ Emifanekisweni, uFather Christmas unxibe iimpahla yasebusika neebhutsi. Zoba uFather Christmas enxibe iimpahla eziza kufanela imozulu yethu eshushu yasehlotyeni.

- ★ Ucinga ukuba zinjani iialien? Sebenzisa udongwe, intlama yokudlala, iziqwenga zemathiriyali, uboya nayo nayiphi imathiriyali efanelekayo ukuze wenze iimodeli zento ocinga ukuba zifana nayo iialien.



Drive your  
imagination





# The Christmas heist

By Bradley Paulse ■ Illustrations by Clyde Beech



Once upon a time, in the quiet little town of Sutherland, two young boys named Kurt and Sandiso came up with a mischievous plan for Christmas.

You see, the previous year, they had been very good, but to their shock and dismay, Father Christmas had not left a single present for them under the Christmas tree. They were determined that this year would be different.

"Kurt," Sandiso exclaimed with a furrowed brow, "what happened last year, just isn't right! We were good, and what did we get? Nothing, *lutho, niks!*"

Kurt nodded, his eyes gleaming with mischief. "Sandiso, I reckon we ought to do something about this injustice!"

And so, the two young boys set out on a mission. They were very good at building things and had built the most extraordinary gadgets in Kurt's dad's workshop. The most peculiar contraption of all was a huge, powerful magnet!

"Ah, Sandiso, this will do the trick! We'll use our magnet to catch Father Christmas, and he will have to explain why we didn't receive any presents last year!" Kurt said, his eyes wide with excitement.

On Christmas Eve, the two boys placed their powerful magnet in Sandiso's front yard. Then they climbed onto the roof to keep an eye out for Father Christmas. They each held a glue gun, in case they needed to glue Father Christmas to the spot. The boys were determined to question him about his unfair ways.



In the inky night sky, a twinkling dot caught their attention. It grew bigger and bigger and came closer and closer. "There he is!" Sandiso whispered with wide-eyed wonder.

The boys' magnet was aimed at the approaching object. But the object did not look like the pictures they'd seen of Father Christmas's sleigh. In fact, it looked more like a massive red truck with a huge saucer attached to the roof.

Kurt squinted and scratched his head. "Is that Father Christmas's sleigh? What's going on?"

The magnet drew the red object closer until it came to rest in the yard just below the boys' rooftop perch. With trembling legs, they climbed down from the roof and tiptoed closer to the truck. The saucer on the roof looked like a spaceship. And as the boys peered inside the front of the truck, their eyes widened in disbelief. Father Christmas and his elves were trapped in nets. They were struggling and squirming to get free while two little aliens stood on the truck's bonnet and glared at them through the windscreen.

"What in the world is going on?" Sandiso muttered.

As the aliens turned to look at them, Kurt and Sandiso aimed their glue guns. "Take that!" Kurt shouted as he squeezed his glue gun, unleashing a flood of sticky glue that sent the aliens flying and glued them to the big saucer on top of the truck.

Then Kurt and Sandiso freed Father Christmas and his elves from the nets. Sandiso asked, "What's going on here, Father Christmas?"

Father Christmas was very grateful to be free from the nets. He patted his big round belly and let out a hearty chuckle. "Well, these hijackers are from Mars. A year on Mars is almost twice as long as a year on Earth. These fellows decided that they could not wait for *their* Christmas to come around and have therefore been stealing the presents from Earth at Christmas time!"

Kurt and Sandiso exchanged glances. "Father Christmas, we were thinking of stealing all the presents too, but only because we received nothing last year," Kurt confessed.

Father Christmas smiled. "You know that you can't fix what's wrong, by doing something wrong, don't you?" he asked.

"We know," replied Kurt and Sandiso, looking a bit sheepish.

Then Father Christmas and the elves bundled the troublemakers from Mars into their spaceship. "Off you go, fellas! And next time, wait for your own Christmas!" Father Christmas shouted as the spaceship zoomed away into the night sky.

Father Christmas turned to Kurt and Sandiso with a warm smile. "You know, boys, you've shown true Christmas spirit today. You stood up for what's right and saved Christmas for everyone on Earth."



Kurt and Sandiso nodded vigorously. "But Father Christmas, what can we do to make things right with you? We don't want to be on the naughty list."

Father Christmas grinned and patted them both on the back. "How would you like to be part-time security for Father Christmas? It's not only the Martians who try to steal the presents, you know. With your gadgets and bravery, you'd be a big help!"

Kurt and Sandiso's eyes lit up. "That would be amazing! We'd love to help you keep Christmas safe!"

And so, from that day forward, Kurt and Sandiso became Father Christmas's trusted security team.

## Get story active!

- ★ Have you heard stories about Father Christmas? What do you think about the idea of someone bringing gifts to people on Christmas Eve?
- ★ In the illustrations, Father Christmas is wearing winter clothes and boots. Draw Father Christmas wearing clothes to suit our hot summer weather.
- ★ What do think aliens look like? Use clay, play dough, bits of material, wool and any suitable material to make models of what you think aliens look like.



# Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

## Nal'ibali fun



1.

USuku Lwabantwana Lwelizwe lungoMgqibelo wokuqala kaNovemba nyaka ngamnye. Funda into abanye abantwana bakwaNal'ibali abathi ililungelo elibalulekileyo labantwana kubo. Emva koko bhala ukuba ngawaphi kumalungelo abantwana abalulekileyo kuwe kwiziqwenga zephepha. Bhala into ibe nye kwiziqwenga ngasinye.

National Children's Day is on the first Saturday of November each year. Read what some of the Nal'ibali children say is an important children's right for them. Then write down which rights of children are important to you on strips of paper. Write one thing on each strip.

Bonke abantwana badinga ...

Every child needs ...



Bonke abantwana badinga ukutya okusempilweni.  
Every child needs healthy food.



Bonke abantwana badinga iincwadi zokufunda.  
Every child needs books to read.




Bonke abantwana badinga indawo ekhuselekileyo abaza kudlala kuyo.  
Every child needs a safe place to play.



Bonke abantwana badinga imfundo.  
Every child needs an education.


2.

a) Bonke abantwana bayazidinga izinto ezikulo mfanekiso. Fakela amanani kwimifanekiso usuka ku-1 uye ku-5 ibe u-1 abe yeyona nto uyithanda kakhulu aze u-5 abe yeyona nto ingabalulekanga kakhulu kuwe.



b) Fakela umbala kulo mfanekiso.

a) All children need the things in the picture. Number the pictures from 1 to 5 where 1 is what you love the most and 5 is less important to you.



b) Colour in the picture.

Siza kuthatha ikhefu de ibe nguFebruwari 2025. Sijoyine ngelo xesha ke ukuze ufumane obunye ubumnandi bokufunda bukaNal'ibali! Okwalo mzuzu, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) ukuze ufumane amabali kunye novuselelo lokufundela ukuzonwabisa.

We will be taking a break until February 2025. Join us then for more Nal'ibali reading magic! In the meantime, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) to find stories and reading-for-enjoyment inspiration.



AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo: Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us in any of these ways:

- TheNalibaliChannel
- nalibaliSA
- @nalibaliSA
- @nalibalisa
- @nalibalisa
- nalibalisa
- The Nal'ibali Trust
- +27 64 801 5496

Produced by The Nal'ibali Trust. Translation by Mosekola Solutions. Nal'ibali character illustrations by Rico.



Drive your imagination

